



Izangqa

Alex Latimer
Gordon Latimer
Patrick Latimer



Izangqa

Le ncwadi yeka







Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.

Izangqa

(Circles)

Illustrated by Patrick Latimer

Written by Alex Latimer

Designed by Gordon Latimer

Edited by Diane Awerbuck

Translated by Nal'ibali

with the help of the Book Dash participants in Cape Town on 2 December 2017.

ISBN: 978-1-928497-12-7

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (<http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.

No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.

Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.

No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

Izangqa



Alex Latimer

Gordon Latimer

Patrick Latimer

Phezu kweliwa kwakuhlala ixhalanga
elincinane nomama walo.



Lithe lakuba likhulu ngokwaneleyo ukuba lingabhabha, umama walo walikhokelela phezulu emoyeni baze bajikeleza kunye, bebuka umhlaba ongezantsi kwabo.

“Ndifuna ukukubonisa into entle,” utshilo kunyana wakhe.



Babone ijembhokhwe igxadazeliwa bubushushu. “Jonga phaya. Laa jembhokhwe ayinakunyamezela ixesha elide.”



Ngokwenene, inyamakazi
yaphelelwa ngamandla yaze
yafela apho.



Omabini amaxhalanga abhabhela ezantsi.
“Asiyonto intle le,” latsho ixhalanga
elincinane kumama walo. “Imbi le nto!”



“Ndiyazi,” watsho unina. “Ukufa yinto enzima, kwaye ebuhlungu kakhulu. Kodwa kuphinda kube kuhle.”

“Ayikho loo nto,” latsho ixhalanga elincinane. “Yhu.”

“Khawulinde,” watsho. “Siza kuphinda sibuyele apha kamsinyane kwaye uza kubona.”



Kwiveki elandelayo, batyelela inyamakazi efileyo. Isakhelo sayo samathambo sasicocokile simhlophe, kanti izityalo ezincinanana zaziqalile ukukhula phakathi kwamathambo.



Kwiveki esemva kwaleyo, kwakusekukhule
izityalo kwaye zidubula iintyantyambo.
Ibhabhathane lalirhabula kwezo ntyatyambo
kanti isongololo laliphumle emthunzini wazo.



Kwiveki elandelayo, amahobo-hobo ayesiphula amagqabi ukuze akhe iindlwane. Iinyosi zaziqokelela ipholeni kwiintyatyambo ezidubuleyo. Kananjalo isigcawu sasakhe ikhaya laso phakathi kweempondo zenyamakazi.




Kanti kwiveki elandela leyo, babona
ijembhokhwe encinane isitya
izityalo ezinencasa.



“Uyabona?” latsho ixhalanga elingumama.
“Khangela ubomi obunikwe yinyamakazi enye kuphela. Inike isigcawu ikhaya kunye nendlwane yehobo-hobo, yondle iinyosi namabhabhathane, yanika isongololo ikhusi yaze yanceda nesizukulwana esilandelayo seenyamakazi ukuze sikhule somelele.”

Ixhalanga elincinane lancuma.



Omabini abhabha ebuyela kwindlwane yawo phezulu eliweni.



“Asiyomizimba yethu kuphela esiyishiyayo xa sisifa,” latsho ixhalanga elingumama. “Siphinda sishiye izifundo zethu, uthando lwethu neenkumbulo zethu.”





“Sizishiya phi
ezo zinto?”
labuza ixhalanga
elincinane.

“Sizishiya ebantwaneni bethu nakusapho
lwethu nakubahlobo. Nangoku wena
ulibala lam eliluhlaza emhlabeni,
Xhalanga oMncinane. Kwaye uya kuba
lilo, unaphakade.”



